Navrae
Enquiries MR MK GALANT
IMibuzo
Telefoon
Telephone (021) 467-2497
IFoni
Faks
Fax (021) 467-2393
IFeksi
Verwysing
Reference 7/2/6
ISalathiso

Wes-Kaap Onderwysdepartement

Western Cape Education Department

ISebe leMfundo leNtshona Koloni

ISETYHULA: 0156/2002
UMHLA
WOKUPHELELWA: AWUKHO
IYA: KUBALAWULI ABAZIINTLOKO, KUBALAWULI (KWANDLUNKULU NAKWII-EMDC), KUBAPHATHI BEESEKETHE ABAKHULU, KUBAPHATHI BEESEKETHE, KUMABHUNGA OLAWULO LWEZIKOLO KUNYE NAWAMAZIKO EMFUNDO

*ISISHWANKATHELO ESIFUTSHANE: Ingcaciso malunga nokuguzulwa kwemiRhumo yeNgxowa ye-Inshorensi yokuNgabikho Ngqeshweni*

**ISIHLOKO: UKUGUZULWA KWEMIRHUMO YENGXOWA YE-INSHORENSI YOKUNGABIKHO NGQESHWENI (*UNEMPLOYMENT INSURANCE FUND CONTRIBUTIONS*)**

1. Kutsha nje iSebe lezemiSebenzi lifakele isihlomelo kuMthetho olawula imirhumo engena kwiNgxowa ye-Inshorensi yokuNgabikho Ngqeshweni (*Unemployment Insurance Fund*).

2. Lo Mthetho awusaboneleli xhuzulo lwemirhumo engena kwiNgxowa ye-Inshorensi yokuNgabikho Ngqeshweni, ngako oko ke abasebenzi benkonzo karhulumente, kuqukwa nootitshala, abaqeshwe ngokwemvumelwano (on *contract*) okanye abaqeshwe okwethutyana abasayi kuphinda bafake imirhumo yabo kule ngxowa ukususela kowoku-1 Julayi 2002. Selenziwe amalungiselelo okuguzula yonke imali ebitsalwa, ngokunjalo nokubuyiselwa kwemirhumo yonke kubaniniyo emva kwalo mhla ukhankanyiweyo.

3. ISebe leMfundo likaZwelonke liyavumelana nokutolikwa kwentsingiselo yesiqendu 4(1)(a) soMthetho wemiRhumo ye-Inshorensi yokuNgabikho Ngqeshweni, 2002 kunye nesiqendu 3(1)(c) soMthetho we-Inshorensi yokuNgabikho Ngqeshweni 2001, njengoko bonke ootitshala bekhutshiwe ekufakeni imirhumo kule Ngxowa ye-Inshorensi yokuNgabikho Ngqeshweni.

4. Uyabongozwa ukuba wazise bonke abasebenzi abalapho okubhalwe kule setyhula.

5. Siya kuyivuyela intsebenziswano yakho malunga noku.

INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2002.11.25.